## ICANDELO A: ISICATSHULWA

## UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Umakisho lwesicatshulwa lumi ngolu hlobo:-

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqondayo, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. (Nangona kunjalo, kunyanzelekile ukuba iimposiso ezikhoyo ziqatshelwe ngokukrwelelwa).
- Kubaviwa abasebenzise amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityilelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Nangona kunjalo, oku akuchaphazeli iimeko apho kusetyenziswe amagama akwisicatshulwa olunye ulwimi abhalwe ngobunjalo bawo.
- Akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela xa umviwa eyizakuzele ngokuvokothekileyo impendulo yakhe.
- Akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela xa umviwa eyizakuzele ngokuvokothekileyo impendulo yakhe.
- Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo eziligama elinye aze umviwa anike isivakalisi esipheleleyo, kumakishwa ngokuchanekileyo impendulo elindelekileyo eligama elinye xa ngaba ikrwelelwe/igqanyisiwe.
- Kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, umviwa udwelise uluhlu lweempendulo ezininzi, makisha kuphela ezimbini/ezintathu zokuqala.
- Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

1.1 Zifana ngokuba zombini kufuneka zithiywe igama elifanelekileyo.√ (1)

1.2 Ibhalelwa abantu ukuba bayifunde√/umntu makabone igama eluqweqweni ngaphandle anqwenele ukuva okuthethwa ngaphakathi.

(Nayiphi na kwezi.) (1)

1.3 Ewe ndiyangqinelana kuba iyalahlekisa into yokuthiya umntwana igama elingangqinelaniyo naye.√√

**OKANYE**

Andingqinelani kuba igama yinto nje yokusabela.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

1.4 Inoveli okanye umdlalo kuba lula ukuzithiya amagama kuba unakho ukuthi wakukhohlwa ligama omawuyithiye ngalo, usuke ukhangele elona gama kuthethwa ngalo kakhulu encwadini okanye loo mntu ibali lakho lisekelezele kuye ngokwalapha encwadini√√ ukanti kumavo okanye imihobe ubunzima busekubeni akuthethi nganto ibe nye, uqhawula apha naphaya, uthetha ngezinto ezahluka-hlukeneyo.√√ (2)

1.5 Isizathu kukuba ngoonozala abajongene nobunzima bokuthiya abantwana.√√ (2)

1.6 Akukho lula ukuthiya igama kuba abantu/abazali bakunzinyelwa ngamagama amabathiye ngawo abantwana babo basebenzisa la akhoyo.√ (1)

1.7 A. Ukucinga ungabi nasisombululo√/A.√/ukucinga ungabi nasisombululo.√ (1)

1.8 Ngowokuthiya abantwana ngamagama bengayazi intsingiselo yawo√√/ ngowokuthiya abantwana ngamagama bengawazi ukuba athetha ukuthini.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

1.9 Kukuba ezi ntlobo zabantu zithiya abantwana amagama angatshongo khona uninzi lwawo.√√ (2)

1.10 Isimilo sivezwa kukuba athiye abantwana bakhe amagama aneziqu ezigudle inkohlakalo√√/isimilo sivezwa kukuba athiye abantwana bakhe amagama esosa izinto ezithile apha kubamelwane.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

1.11 Ukubeka inqawa√√/ukunabela uqaqaqa.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

1.12 Umntwana mthiye igama elinentsingiselo efanelekileyo kuba liyamlandela umntu igama lakhe√√/musa ukumthiya umntwana igama elinentsingiselo engafanelekanga hleze limlandele umntwana elo gama.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

1.13 Bubuso obukhulule kileyo√/luncumo√/ngamazinyo aphandle√/kukuhleka.√
(Nayiphi na kwezi.) (1)

1.14 Igama lephepha-ndaba 'Is'olezwe'√/amanqaku abhalwe ngokwekholam√/ linamanqaku ephepha-ndaba.√

(Nasiphi na isibini.) (2)

1.15 Igama lephepha-ndaba 'I'solezwe' lithetha ukuba lijonga yonke into eqhubeka elizweni jikelele ube nomsebenzi wephepha-ndaba ikukwazisa/ukonwabisa/ ukufundisa ngokuqhubekayo nalapho lungaboniyo khona.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

1.16 Kuboniswe ngokukhutshwa kwenqaku elimalunga nolwaluko√/kubhalwe inqaku elingolwaluko√/kukho inqaku elingolwaluko.√ (1)

1.17 Ewe ziphuhlisa kuba uthi wakujonga igama lephephandaba 'Is'olezwe' kukhawuleze kuvuseleleke iingcingane zokuqhubeka elizweni√√ ukanti kumhlathi wokuqala kwisicatshulwa A umbhali ugxininisa ukuba umntu makabone nje igama lencwadi eluqweqweni ngaphandle ukuze abe nomnqweno wokuva okuthethwa ngaphakathi.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (4)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA NGAWAKHO AMAZWI

Ukumakisha isishwankathelo:

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- Ulwabiwo-manqaku
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (inqaku ngengongoma nganye)
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10
- Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1 lolwimi.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2 olwimi.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3 olwimi.
- Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo naxa becaphule.
  - 6–7 iingongoma ezicatshulweyo: akunikezelwa manqaku olwimi.
  - 1–5 iingongoma ezicatshulweyo: nikezela inqaku libe li-1 lolwimi.

**QAPHELA**:

- Ubalo-magama
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga. Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

**UMHLATHI**

Kule mihla abasemagunyeni baxakekile kwiindawo zonke zase-Afrika esemaZantsi. Ngabantu abaninzi abehla benyuka bekhangela iindawo zokuxelenga kwiindawo zonke eMzantsi Afrika. Abantu abakhethi bancamela nakoluphi na uhlobo lomsebenzi oluvelayo ngenxa yokunqaba kwamathuba okuphangela. Abaqeshi baqesha bonke abantu nokuba ngabaluphi na uhlanga. Abantu abaninzi bazalise emigaqweni bethengisa imihla yonke. Abantu abaninzi kule mihla abanazindlu, bahlala emikhukhwini apho bangazikhathaziyo ngokuhlawula nesenti yerente. Kule mihla kwiindawo zonke kuzalise imizi yokuqeqeshela abantu kwimisebenzi ethile kuquka neyezandla.

**[70 amagama]** **[10]**

Naziphi na iingongoma ezisi-7 kwezi zilandelayo ziyimpendulo yombuzo.

| UCAPHULO | | IINGONGOMA | |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Namhlanje iziphatha-mandla zimi nematha kulo lonke eli le-Afrika esemaZantsi.' | 1. | Kule mihla abasemagunyeni baxakekile kwiindawo zonke zase-Afrika esemaZantsi. |
| 2. | 'Zizigidi ngezigidi zabantu abafuna imisebenzi kulo lonke eli loMzantsi Afrika.' | 2. | Ngabantu abaninzi abehla benyuka bekhangela iindawo zokuxelenga kwiindawo zonke eMzantsi Afrika. |
| 3. | 'Abantu baye bazincamele nakweyiphi na imisebenzi ngenxa yokunqongophala kwayo.' | 3. | Abantu abakhethi bancamela nakoluphi na uhlobo lomsebenzi oluvelayo ngenxa yokunqaba kwamathuba okuphangela. |
| 4. | 'Loo misebenzi ke ayikhethanga bala lamntu ngakubaqeshi.' | 4. | Abaqeshi baqesha bonke abantu nokuba ngabaluphi na uhlanga. |
| 5. | 'Kukho abantu esibabona yonke le mihla bezalise izitalato bexakekile bethengisa.' | 5. | Abantu abaninzi bazalise emigaqweni bethengisa imihla yonke. |
| 6 | 'Uninzi lwabantu namhlanje alunazindlu, luhlala ematyotyombeni apho irente ingesosinyanzeliso ukuba ihlawulwe ngulowo uhlala khona.' | 6. | Abantu abaninzi kule mihla abanazindlu, bahlala emikhukhwini apho bangazikhathaziyo ngokuhlawula nesenti yerente. |
| 7. | 'Namhlanje uya kufumanisa ukuba kusezilokishini, ezidolophini, ezilalini nasemathafeni kwakhiwe imizi yokuqeqeshela abantu imisebenzi ethile neyeyobugcisa.' | 7. | Kule mihla kwiindawo zonke kuzalise imizi yokuqeqeshela abantu kwimisebenzi ethile kuquka neyezandla. |

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### Ukumakisha iCandelo C

- Upelo
  - Iimpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa ngaba isiphene eso sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
  - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
- Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

### UMBUZO 3: UKUHLALUTYA IINTENGISO

3.1 YiYunivesithi yakwaZulu-Natal√/yiUKZN.√ (1)

3.2 Uzama ukutsala umdla wabafundi.√ (1)

3.3 Asiyonyani kuba eli ziko linceda abafundi, izifundiswa nabasebenzi.√√/alincedi bafuni kupela.√√ (2)

3.4 'Singophopho ekwakheni inkqubela phambil'√/yindawo apho inkuthazo ichuma khona'√/…' sinceda abafundi bethu, izifundiswa nabasebenzi bethu banyukele kumgangatho ophezulu'√/'sifuna ukuvelisa abaqali bezinto ezintsha bokwenene'√/'sikhuthaza ubunganga'√/'sikho ukukhonza nokukhuthaza.'√
(Nasiphi na isibini.) (2)

3.5 Kuveza ukunikezela ngenkonzo ekumgangatho ophezulu, imbeko nentlonipho√√/kuveza ukuba le nkonzo ivuleleka kuwonke wonke ayikhethe bala yiyo le nto nesandla sinxityiswe iglavu singavezi bala.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

3.6 Siphuhlisa ubuntshatsheli√√/siphuhlisa ubugqwangangqwili.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**

**UMBUZO 4: UKUQONDA EMINYE IMIBA YEMIDIYA**

4.1 Kukho umntu olele ebhedini kwigumbi lokulala√/amazwi athethwa ngumntu osecaleni kwebhedi√/kukho isibane esisecaleni kwebhedi√
(Nayiphi na kwezi.) (1)

4.2 Ngamachaphaza amathathu.√ (1)

4.3 A. Ukulala ubuthongo obunzulu√/ A√/Ukulala ubuthongo obunzulu.√
(Nayiphi na kwezi.) (1)

4.4 Yimvakalelo yosizi√/yimvakelelo yovelwano√/yimvakalelo yoloyiko.√ (1)

4.5 Injongo kukuba akafuni kumothusa ebuthongweni bakhe√√/injongo kukuba akafuni kumphazamisa ebuthongweni bakhe√√/injongo kukumvusa ngokumcenga√√/ukumvusa ngokungamdlakathelisi.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

4.6 Umntu okwibhokisi yesi-4 obhalwe-A uvule umlomo kakhulu.√√ (2)

4.7 Ewe ndiyavelana naye kuba uvuswe ekobude ubuthongo.√√
**OKANYE**
Andivelani naye kuba umele ukuba sele evukile njengoko izikolo zivuliwe√√/ andivelani naye kuba umele ukwazi xa zivulwa izikolo.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

**UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO**

5.1 Kukho into enzima.√ (1)

5.2 Sikhokela isibizo√/sandulela isibizo√/sime phambi kwesibizo.√
(Nayiphi na kwezi.) (1)

5.3 Ukwenza into ngokugqithisileyo√/ukunwenwa kwento√/kukuqhubela phambili.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

5.4 Sisiphawuli.√ (1)

5.5 Idodotyaliswe√/ibulawe. √
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (1)

5.6 Isenzi √ nesibizo. √ (2)

5.7

| IGATYA | | UDIDI |
|---|---|---|
| 5.7.1 | Unzima u-enkosi kumntu. | A Igatya eliyintloko √ |
| 5.7.2 | … okhululwe egxakini embi | B Igatya elibalulayo.√ |

(2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**